Isalathiso: 20170124-7610
12/2/8/13/2
Imibuzo: W Mercuur

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam ye*FET*: DCF 00010/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule (*SIGPM*); kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBacebisi ngeziFundo; kwiiNqununu, kwiiNtloko zamaCandelo olwimi lwesiNgesi, kwiiNtloko zeSifundo solwimi lwesiNgesi nakooTitshala boLwimi kwizikolo eziphakamileyo

Isihloko: Ukhuphiswano ngezincoko i-*Queen's Commonwealth Essay Competition*

1. ISebe leMfundo esiSiseko linqwenela ukukhuthaza bonke abafundi ukuba bathathe inxaxheba kukhuphiswano ngezincoko i-*Queen's Commonwealth Essay Competition*.

2. Olu khuphiswano luvuleleke kubo bonke abafundi abakula macandelo alandelayo:
   - UDidi lwaBancinane (*Junior Category*) (abazelwe emva koMeyi 2003 — abanganeno kwiminyaka eyi-14))
   - UDidi lwaBadala (*Senior Category*) (abazelwe nge-02 Meyi 1998 nabe-01 Meyi 2003 — 14–18 yeminyaka))

3. Onke amangenelo makabhalwe ngolwimi lwesiNgesi.

4. Kucelwa abangenelayo ukuba bangenise umsebenzi wabo ngohlobo olucacisa gca indlela yokuvakalisa umyalezo wabo, nokuba sisincoko, umbongo, ibali, intsomi, iskripthi, ingcaciso yokubhaliweyo (*reportage*), intetho yomntu omnye okanye yomlinganiswa (*monologue*) okanye nasiphi na isimbo sokubhala esifanelekileyo. Kukhuthazwa ukuba kusetyenziswe iifoto nemizobo, ngokukodwa ngokumalunga noDidi lwaBancinane.

5. Umxholo ka-2017 uthi, ***"The meaning, process and importance of peace in the Commonwealth and beyond".***

IMixholo yoDidi lwaBancinane

- *What is in your Toolbox for Peace?*
- *My peaceful place*
- *How can children and young people come together to build a peaceful society?*
- *"Peace cannot be learnt from a book or from religion. You have to reach out and touch nations." How does this relate to Commonwealth?*

IMixholo yoDidi lwaBadala

- *Peace*
- *Should you fight for peace?*
- *Kofi Annan said, "Education is, quite simply, peace-building by another name." Do you agree? Answer with reference to your country and/or the Commonwealth.*
- *What is the cost of peace?*

6. Bonke abangenelayo baya kufumana isatifikethi sokuthatha inxaxheba. Nakuba kunjalo, abaphumeleleyo baya kuwongwa ngeembasa zeGolide, ezeSilivere kwanezoBhedu ngokwenqanaba lokuphumelela (*position*). Ophumeleleyo kunye nophume isibini (*runner-up*) abasuka kwiindidi zombini, ezabadala nabancinane uya kuphumelela uhambo oluya kuthatha iveki yonke eLondon uthotho lwezinto eziya kwenziwa zemfundo kunye nezenkcubeko (*a week-long series of educational and cultural events*).

7. Makungeniswe ngqo onke amangenelo kwiqumrhu i-*Royal Commonwealth Society* kwiziko lewebhu yabo apha www.thercs.org/competition okanye ngokuwathumela nge-imeyili apha competitions@thercs.org.

8. Umhla osikiweyo wokungeniswa kwamangenelo ngomhla we-01 Meyi 2017.

9. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke ootitshala ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-01-30